



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2023

AMANQAKU: 80

IXESHA: liyure 2

Olu viwo lunamaphepha ali-14.



IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:



ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Ushwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(40)

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo ngaNYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A:	Imizuzu engama-50
ICANDELO B:	Imizuzu engama-20
ICANDELO C:	Imizuzu engama-50

9. Bhala ngokucecekileyo nangokucacileyo.



ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA


UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

IMIDLALO IPHUHLISA IZAKHONO ZOBOMI

- 1 Phantse bonke abantwana badlala imidlalo okanye benza imidlalwana enyakazisa neyomeleza umzimba njengokuba bekhula. Kusesikolweni okanye kungexesha lokuzonwabisa apho abantwana bazibandakanya nezemidlalo. Imidlalo yinto abahlala beyonwabela abantwana abaninzi. Kuyancomeka oko, ngakumbi kweli xesha siphila kulo, apho uninzi lwabantwana lusuke luchithe ixesha elininzi luhleli phantsi. Oku kubangelwa kukuba bexabise imidlalwana edlalwa ngezixhobo zetekhnoloji. Nangona kunjalo, ayikokuzuza ukomelela ngokwasemzimbeni kuphela into eyenza imidlalo ibaluleke. Ukuzibandakanya kwezemidlalo kuluncedo ekukhuliseni nasekuphuculeni izakhono ezithile ebantwini. Izakhono ezifana nezokunxibelelana nabanye abantu, ukumilisela ingqondo nokusebenzisana ngentlonipho nabanye abantu. Ezi ke zezinye zezakhono ezibalulekileyo neziyimfuneko kubomi bethu bonke singabantu. 5 10 15
- 2 Kuninzi okubalulwa ziingcali neenjinga zezemidlalo ngokubaluleka kwezemidlalo ekwakheni isimo somntu. Phakathi kwezimvo zazo kungabalulwa oku kulandelayo: Ukuhlonipha abaphathi neenkokeli; ukukwazi ukuzilawula nokuziphatha. Ziqhuba zithi iingcali, imidlalo ikhulisa ukuzithemba, ukuzola naxa iimeko zikuhambela kakubi; ukumela oko ukufunayo; ukumilisela ingqondo, nezinye. Aziyishiya intsebenziswano yamalungu eqela nokwamkela ngesidima ukungaphumeleli. Akukho bani ongayiphikisa inyaniso yokuba zezinye zezakhono ezibalulekileyo ebomini ezi. 20
- 3 Xa kujongwa iintlobo ngeentlobo zemidlalo kuphawuleka ukuba uhlobo ngalunye lunezakhono oluziphuhlisa. Umdlali wekhrikethi oyibhowula edumileyo wase-Indiya uBumrah, uthi lo mdlalo uthatha iintsuku eziliqela ngokwemveli yawo. Kulo mdlalo, abadlali banikana amathuba, kuyalindwana ngokubhethisha. Loo nto ithetha ukuba ngeli xa omnye umdlali ebhethisha, abanye abadlali balindile. Uthi ke uBumrah, ngenxa yoko lo mdlalo ubafundisa ukuba nomonde abantu, nokukwazi ukunika abanye abantu amathuba. Ngubani ongayaziyo into yokuba okuninzi ebomini kuphumezeke ngokuba nomonde? 25 30



- 4 Esinye sezakhono ezibalulekileyo ebomini kukomelela ngokwasengqondweni nangokwasemoyeni. Umdlalo wentenetya (tennis) usifuna kakhulu isakhono sokomelela nakweliphi izinga umdlali akulo. Ngumdlalo onesantya esikhawulezayo nosebenzisa **amandlakazi**. Uvunywa ziingcali ukuba ufuna unyamezelo olukhulu. Umntu kufuneka akhulise ukomelela kwezihlunu, okwamalungu okuphefumla nonyamezelo lwasengqondweni. Njengeminye imidlalo, umdlalo wentenetya unenzuzo kowudlalayo ngenxa yokuphuhla kwezi zakhono zobomi. 35
- 5 Qwalasela umdlalo webhola ekhatywayo (isoka). Iqela lalo mdlalo lenziwa ngamalungu alishumi elinanye. Umdlalo wesoka unyanzelisa ukuba amalungu eqela ali-11 amamele, aqonde imiyalelo; azilungelelanise ngokwawo. Ngoko ke kulo mdlalo kubalulekile ukunxibelelana kwamalungu ngokufezekileyo ukuze kufezekiseke injongo ephambili yeqela. Lo mdlalo ubafundisa inkathalo noxanduva abantwana besebancinane. Ukwabafundisa ukubaluleka kwempumelelo yeqela lilonke, ngaphezu kwempumelelo yomntu omnye. Ngoko ke xa ulilungu leqela kufanele ukuba ubeke phambili iqela hayi isiqu sakho. 45
- 6 Umdlalo wombhoxo (irabhi) waziwa njengowona mdlalo ugadalala. Nkqu seyidlalwa ngabantwana abancinane, isebenzisa ubugadalala. Obu bugadalala buye bunyukele ngokobudala babadlali, kangangokuba kude kuliwe ngamanye amaxesha ebaleni. Umdlalo wombhoxo usebenzisa isantya esikhawulezayo, umzimba kunye neemvakalelo, ngakumbi ezokucaphuka okuye kukhokelele kuxambuliswano phakathi kwabadlali. Kulapha kuwo apho bafunda ukuzibamba nokulawula imisindo abadlali. Iingxabano ziyenzeka ebomini. Into ebalulekileyo yindlela elungileyo yokuzisombulula. Sisakhono esibalulekileyo ebomini, isakhono sokukwazi ukusombulula iingxaki ngaphandle kokulwa. 55
- 7 Inani labantu abaziimbaleki (ii-athilethi) liye linyuka ngokunyuka kwaye ukubaleka kuye kuthandwa ngabantu. Ii-athilethikhi zenza ukuba umntu abe yedwa amaxesha amaninzi. Imbaleki ayixhomekeki eqeleni koko kwisiqu sayo. Ngoko ke kufuneka ikwazi ukuzilawula, yomelele ngokwasengqondweni nasemzimbeni. Ukuzilolonga eyedwa umntu kukhuthaza ingqiqo yokuba ebomini elowo umntu unogqatso lwakhe. Kubalulekile ke oko kwixesha esiphila kulo labantu nabantwana abaphila ubomi obunoxinzelelo lokungafuni koggithwa. Umntu ufunda ukumilisela ingqondo kwigowuli azibekele yona, esenza ngokwamandla neziphiwo ingqondo kwigowuli azibekele yona, esenza ngokwamandla neziphiwo zakhe. Ngoko ke umntu, kwii-athilethiki ufunda ukubaleka olwakhe ugqatso lobomi ngomonde. 65
- 8 Eliyinyani leli lokuba imidlalo, nkqu nemidlalo yemveli, ayiyo nto nje yokuzonwabisa nokuchitha ixesha. Inendima eyidlalayo ebomini, ngakumbi ekuphuhliseni nasekwakheni izimo nezimilo zethu singabantu. 75

[Sithatyathwe ku-www.info@inspiresports.com saguqulelwa, saze salungiselelwa uviwo.]



Jonga kumhlathi 1

- 1.1.1 Xela indawo abazibandakanya kuyo nezemidlalo abantwana ngokwalo mhlathi. (1)
- 1.1.2 Nika isizathu sokuba uninzi lwabantwana luchithe ixesha luhleli phantsi ngokwalo mhlathi. (1)
- 1.1.3 Khankanya zibe MBINI izakhono ezikhuliswa kukuzibandakanya nezemidlalo. (2)

Jonga kumhlathi 2

- 1.1.4 Nika zibe MBINI izimvo ezikhankanywa ziingcali kulo mhlathi malunga nokubaluleka kwemidlalo. (2)
- 1.1.5 Lisixelela ntoni igama elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi ngokubhekiselele kumalungu eqela?
'**Aziyishi**yi intsebenziswano yamalungu eqela ...' (2)

Jonga kumhlathi 3

- 1.1.6 Chaza ukuba umdlalo wekhrikethi uwufundisa njani umonde ebantwini ngokwalo mhlathi. (2)
- 1.1.7 Nika injongo yokusetyenziswa kombuzo-buciko kulo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi 4

- 1.1.8 Lizisa ngcinga ni ngokubhekiselele kumdlalo wentenetya igama '**amandlakazi**' elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)
- 1.1.9 Khankanya zibe MBINI iindawo adinga ukomelela kuzo umdlali wentenetya ngokwalo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi 5

- 1.1.10 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:
Igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi lisetyenziselwe ukubonakalisa unobangela ...
'... kubalulekile ukunxibelelana kwamalungu ngokufezekileyo ukuze kufezekiseke injongo ephambili yeqela.'
A nesenzeko
B nesiphumo
C nesizathu
D nesichasi (1)

Jonga kumhlathi 6

1.1.11 Xela ukuba kutheni kusithiwa umdlalo wombhoxo ngowona ugadalala ngokwalo mhlathi. (1)

1.1.12 Siluncedo njani kubomi bemihla ngemihla isakhono esifunyanwa kumdlalo wombhoxo? (2)

Jonga kumhlathi 7

1.1.13 Tolika inkcaza engezantsi ngokomxholo walo mhlathi.
'... esenza ngokwamandla neziphiwo zakhe.' (2)

Jonga kwitekisi yonke

1.1.14 Ingaba ulwazi olufumaneka kwesi sicutshulwa luphumelele ukukuguqula ingqondo malunga nezemidlalo? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO



[Uthatyathwe ku-www.indigenousgames.com]

1.2.1 Xela ukuba mangaphi amaqela akweli bala likulo mfanekiso uze uxhase impendulo yakho. (2)

1.2.2 Ngqina ukuba lo mdlalo wokucumba iitoti udinga ukuba abadlali bawo bamilisele ingqondo. (2)

1.2.3 Cacisa ngokolwazi olusemfanekisweni ukuba inkunkuma ikhe ibe luncedo ngamanye amaxesha. (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

ISICATSHULWA C esingezantsi simalunga noncedo lwentsebenziswano kwimpumelelo yeshishini.

Funda isicatshulwa C esingezantsi uze ubhale iingongoma eziphambili ezimalunga noncedo lwentsebenziswano kwimpumelelo yeshishini.

IMIYALELO

1. Bhala isishwankathelo sibe kwimo yeengongoma ungadluli kumagama angama-60.
2. Nombola izivakalisi zakho ukusuka ku-1 ukuya ku-7.
3. Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo ukubhala iingongoma.
4. Sebenzisa AMAZWI AKHO kangangoko unako.
5. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ekupheleni kwesishwankathelo.

ISICATSHULWA C

INTSEBENZISWANO ILUNCEDO KWIMPUMELELO YESHISHINI

Kukho iindaba ezimnandi ezithi kukho ubungqina obubonisa ukuba intsebenziswano ibalulekile ekwenzeni ishishini eliqaqambileyo. Ibalulekile kakhulu kumashishini ngezi zizathu:

Intsebenziswano isisiseko senjongo ephambili yenkampani ekuphuhliseni imveliso. Oko kuphuhla kwemveliso kwenza inkampani ikhule ngokukhula, nto leyo eyenza ukuba ikwazi ukugcina abasebenzi, iphumeze neenjongo zayo. Xa ingekho intsebenziswano iinzame ezenziwa yinkampani ziphumelela nzima.

Intsebenziswano kwishishini idala umanyano phakathi kwabasebenzi neenkokeli, oko kuphumelelise ishishini. Oku kungenxa yokuba intsebenziswano ibasela umoya wobunye phakathi kwamalungu eqela labasebenzi abasebenza kunye. Oko kwenze ukuba izinga lenkampani lokuvelisa imveliso ezikumgangatho ophezulu linyuke.

Ukuxabisana nokuhloniphana kwabasebenzi kunye neenkokeli kukhulisa intsebenziswano. Intsebenziswano ibenza abasebenzi basebenzele ukuba babe yinxalenye yempumelelo yenkampani lonke ixesha. Oku kwenziwa kukuba wonke umntu utsho awonwabele umsebenzi wakhe kuba esebenza nabantu abamhlonipheleyo.

Impumelelo yeshishini ikwaxhomekeke kakhulu kwindlela abathembakele ngayo abasebenzi balo. Intsebenziswano ikhuthaza ukuba abasebenzi bathembakale kwinkampani nakubaxhasi bayo kutsho kuqaqambe ishishini. Kaloku ukuthembakala kwabasebenzi kubaxhasi kubenza bayithembe inkampani batsho bayixhase ngakumbi. Konke oko kuyimpumelelo yeshishini.

Intsebenziswano yenza ukuba kubekho ubudlelwane obuhle phakathi kweenkokeli nabasebenzi, obugcina igama lenkampani lilihle. Igama elihle lenkampani likhokelela kwimpumelelo yalo. Intsebenziswano ke ngoko yenza ukuba abasebenzi nabo babonwe njengabameli bempumelelo yenkampani yabo. Intsebenziswano ikhulisa umnqweno wokuphucula izakhono kubasebenzi, ze oko kukhulise ngakumbi ishishini.

Ngenxa yentsebenziswano, ishishini lingakwazi ukuwogqitha amanye amashishini elikhuphisana nawo ngempumelelo. Intsebenziswano idala ukubona ngeliso elinye, kujoliswe kumbono omnye oyimpumelelo yeshishini, ngumntu wonke okulo. Ngoko ke iluncedo ekwenzeni ukuba ishishini liggwese.

[Sithatyathwe ku-www.pirelli.com yaza yaguqulelwa, yalungiselelwa uviwo.]

AMANQAKU ECANDELO B: 10



ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA D



[Sithatyathwe ku-www.bing.com yaguqulelwa, yaza yahlelwa]

- 3.1 Zibhekisa kubani izenzi, 'gxila, zama, sela, kholwa' ezikwesi sibhengezo-ntengiso? (1)
- 3.2 Xela into eluncedo ngayo le mveliso kumthengi. (1)
- 3.3 Nika isilogani sale mveliso. (1)

3.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Ingcinga eziswa yinkcaza ethi, 'Iyinkqubo ephuculweyo' kwisibhengezo-ntengiso yeyokuba i-Powerade inotshintsho oluyenze yakumgangatho ... kunakuqala.

- A ophantsi.
- B ophezulu.
- C ofanayo.
- D ongalunganga.

(1)

3.5 Xela injongo yokubekwa komfanekiso womdlali ecaleni kwemveliso ethengiswayo.

(2)

3.6 Nika intsingiselo yegama 'ezimka' ngokomxholo wesi sibhengezo-ntengiso.

(2)

3.7 Ingaba esi sibhengezo-ntengiso singakwenza ukuba uthathe isigqibo sokuyithenga le mveliso? Xhasa impendulo yakho.

(2)

[10]



UMBULO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA E



[Ithatyathwe ku-www.@Brian Crane yaguqulelwa, yalungiselelwa uviwo]

- 4.1 Xela ukuba sahluka ngantoni ISAKHELO SESIBINI kwezinye izakhelo kule khathuni. (1)
- 4.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Igama 'useza' elikwintetho kaSteve KWISAKHELO SOKU-1 linika intsingiselo yokuba isenzo athetha ngaso ... (1)
 - A sesenzekile.
 - B asizukwenzeka.
 - C asikenzeki.
 - D siyenzeka.
- 4.3 Cacisa ukuba kutheni uSteve esivulile isandla sakhe KWISAKHELO SESI-3. (2)
- 4.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli. (2)

Intetho kaSteve EKWISAKHELO SESI-2 malunga nemisebenzi yendoda iqulethe (ingcinga ebethelekileyo/ukugweba phambi kokuba uve). Xhasa impendulo yakho.
- 4.5 Xela ukuba uvakalelwa njani uSteve yintetho kaPat KWISAKHELO SESI-4. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.6 Ingaba luluncedo kuSam olu lwazi aluxelelwa nguSteve? Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]

UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo ebuzwe kuso.

ISICATSHULWA F

UBUNTU

Eli gama, 'ubuntu' lithande ukuxhaphaka kuba lisetyenziswa kwiimeko ngeemeko kobu bomi sibuphilayo. Lingachazwa ngokuchazwa, kodwa intetho ebusaci ethi, 'Umntu ngumntu ngabantu,' ilichaza ngokufutshane kodwa ngokupheleleyo. Le ntetho iziziseko sokwakhiwa kwamakhaya nabanye amaziko okwakha uluntu. Iyintetho ekhuthaza ukuba ekhayeni umzali nomntwana bahloniphane; ummelwane nommelwane bahloniphane; umntwana nomntwana bahloniphane. Lilonke, wonke umntu unikwa isidima esipheleleyo ngokufanelekileyo. Wonke umntu uyazi ukuba ubomi bomnye umntu makabuhloniphe njengoko ehloniphe obakhe. Wonke ubani uyazi ukuba impumelelo yekhaya iza ngokusebenzisana, ubunye nobufelandawonye. 5 10

Umntwana oqeqeshwe phantsi kolungiselelo lobuntu uthi naxa sele emdala athabathe inxaxheba kwimibutho eyakha isizwe, awahloniphe amalungelo abanye abantu.

[Sithatyathwe kwincwadi, *Amavo Ubuntu*, MMM Duka, amaphepha 39–40 saza sahlelwa, salungiselelwa uviwo]

5.1.1 Khetha igama elisisimelabizo sokukhomba kwesi sivakalisi silandelayo.

Eli gama ubuntu lithande ukuxhaphaka kuba lisetyenziswa kwiimeko ngeemeko. (1)

5.1.2 Xela isibizo esibhekiselele kuso isakhi u-'li' esibhalwe ngqindilili kule nkcaza ingezantsi.

Igama ubuntu lingachazwa ngokuchazwa kodwa intetho ebusaci ethi, 'Umntu ngumntu ngabantu,' ilichaza ngokufutshane kodwa ngokupheleleyo. (1)

5.1.3 Bhala kwakhona esi sivakalisi silandelayo ulungise iziphene ezikhoyo kuso.

Le ntetho iziziseko sokwakhiwa kwamakhaya nabanye amaziko okwakha uluntu. (2)



5.1.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Intsingiselo eziswa sisakhi u-bu- kwigama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa yeyokuba le ntetho ...

- A iyaphikisana nesaci.
- B ayifuneki kwisaci.
- C iyangqinelana nesaci.
- D iyelelene nesaci. (1)

5.1.5 Khetha isibizo esisebenze njengentloko yesivakalisi kwesi sivakalisi singezantsi.

Uyawahlonipha umntwana amalungelo abanye abantu. (1)

5.1.6 Fakela ikoma kwindawo efanelekileyo kwesi sivakalisi silandelayo.

Ubuntu buquka inceba uvelwano nothando. (1)

5.1.7 Sisetyenziswe njani isimelabizo soquko esibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esilandelayo?

Lilonke, **wonke** umntu unikwa isidima esipheleleyo ngokufanelekileyo. (2)

5.1.8 Chonga isenzi esikwimo yesixando kwesi sivakalisi silandelayo uze uxele udidi lwaso.

Umntwana uqeqeshwa phantsi kolungiselelo lobuntu. (2)

5.1.9 Nika ixesha lesenzi esibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi silandelayo.

Le ntetho **ikukhuthazile** ukuba ekhayeni umzali nomntwana bahloniphane. (1)

5.1.10 Guqula esi sivakalisi singezantsi sibe kwimo yokuyalela.

Umntwana makahloniphe abantu. (2)



5.2 Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA G: UMFANEKISO



Masikhathalele izilwanyana kuba nazo
zisikhathalele.

[Uthatyathwe ku-www.allcreatures.org yaze yalungiselelwa uviwo]

5.2.1 Sebenzisa isihlanganisi esikwizibiyeli ukudibanisa ezi zivakalisi zingezantsi.

Masikhathalele izilwanyana. Izilwanyana zisikhathalele. (ukuze) (2)

5.2.2 Yakha isivakalisi esinentsingiselo ephuhlileyo usebenzisa la magama angezantsi.

bantu,inja, ukukhathalela, aba, bobabini, bayancedisana. (2)

5.2.3 Guqula esi sivakalisi sibe kwimo yombuzo.
Qala ngolu hlobo: Zisikhathalele ...

Izilwanyana nazo zisikhathalele. (2)
[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2023

ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

AMANQAKU: 80

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-10.



ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Ukumakisha uvavanyo lokuqonda

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpindulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)
2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.
3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase**, akukho manqaku anikwayo kwiimpindulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.
4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpindulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.
5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi-sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe nje ngokuchanekileyo kuphela xa igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.
6. Xa kufunwa iimpindulo ezimbini/ezintathu/iingongoma ezimbini kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha kuphela isibini okanye isithathu sokuqala ngokuhambelana nombuzo.
7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.
8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

1.1 ISICATSHULWA A



- 1.1.1 Kusesikolweni.✓ (1)
- 1.1.2. Sesokuba luxabise imidlalwana edlalwa ngezixhobo zetekhnoloji.✓ (1)
- 1.1.3. Sesokunxibelelana nabanye abantu.✓
 Sesokumilisela ingqondo.✓
 Ukusebenzisana ngentlonipho nabanye abantu.✓
 [Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 1.1.4 Imidlalo ikhulisa ukuzithemba.✓
 Imidlalo ikhulisa ukuzola naxa iimeko zikuhambela kakubi.✓
 Ukukwazi ukumela oko ukufunayo.✓
 Ukumilisela ingqondo.✓
 Imidlalo ikhuthaza intsebenziswano yamalungu eqela.✓
 Ifundisa umntu ukwamkela ngesidima xa athe akaphumelela.✓
 Ukuhlonipha abaphathi neenkokeli.✓
 Ukukwazi ukuzilawula nokuziphatha.✓
 [Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 1.1.5 Ukuba iingcali ziyayibandakanya nentsebenziswano njengeyona nto ibalulekileyo kumalungu eqela✓✓/ukuba ziyakugxininisa ukubaluleka kwentsebenziswano yamalungu eqela✓✓/ ukuba iingcali ziyikhankanya intsebenziswano njengenxalenye [Nayiphi kwezi.] (2)
- 1.1.6 Ngokuthi abadlali balindane benikana amathuba✓✓/ ngokuthi kudlale umdlali omnye ngexesha, abanye balinde ukudlala ngethuba labo.✓✓ (2)
- 1.1.7 Kukugxininisa ukubaluleka kwesakhono esingumonde emntwini✓✓/ kukuxhokonxa iingcinga zomfundi abone ukubaluleka kokuba nomonde ukuze umntu aphumelele ebomini✓✓/ kukusenza sicingisise ngokubaluleka kokuba umntu abe nomonde ukuze aphumelele ebomini.✓✓ [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 1.1.8 Eyokuba umdlalo wentenetya ufuna umntu owudlalayo abe namandla kakhulu✓✓/eyokuba lo mdlalo ufuna amandla awongezelelekileyo.✓✓ (2)
- 1.1.9 Kwizihlunu.✓
 Kumalungu okuphefumla.✓
 Kusengqondweni.✓
 Kusemoyeni.✓
 [Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 1.1.10 B✓/B nesiphumo✓/nesiphumo.✓ (1)



1.1.11 Kungokuba kuwo kusetyenziswa amandla nokutyhalana✓/
kungokuba kuwo kukhe kuphele kusiliwa ngabadlali ngamanye
amaxesha.✓ (1)

1.1.12 Ngokuthi siqhelise abadlali ukusombulula iingxaki ngaphandle
kokulwa✓✓/ ngokunceda abadlali bakwazi ukuzibamba nokulawula
imisindo.✓✓ (2)

1.1.13 ... esebenza ngokwamendu nezakhono anazo✓✓/ esebenza
ngokuzimisela ngeetalente anazo✓✓/ esebenza ngokuzimisela
okugqithisileyo nezakhono anazo.✓✓ (2)

1.1.14 Luphumelele, kuba ndifunde ngezakhono ezakha isimo somntu
ngenxa yokuthatha inxaxheba kwimidlalo eyahlukileyo athi
ayidlale.✓✓

OKANYE

Aluphumelelanga, kuba akukho zinkcukacha zinikiweyo
ezihambelana neengozi anokuzifumana umntu emidlalweni.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.2 ISICATSHULWA B

1.2.1 Mabini,✓ kuba kukho abadlali abanxibe izinxibo ezingafaniyo✓/
kukho abadlali abacumba iitoti kubekho nabaleqa ibhola.✓ (2)

1.2.2 Kunjalo, kuba bazibeka ngobunono iitoti abadlala ngazo
beginisekisa ukuba zibekeke kakuhle ukuze zingawi.✓✓ (2)

1.2.3 Kunjalo, kuba abantwana abasemfanekisweni basebenzisa iitoti
ebezilahlwe njengenkunkuma ukwenza izixhobo zokudlala.✓✓ (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30



ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Ukumakisha ushwankathelo

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
 - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
 - Amanqaku ama-3 olwimi.
 - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
 - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
 - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
 - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
 - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
 - 4–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Mekanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.
 - 2–3 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Mekanikwe amanqaku olwimi ABE MABINI.

QAPHELA

- **Ubalo-magama:**
 - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-60 inani lamagama asetyenzisiweyo.
 - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
 - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO		IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO	
1.	'Intsebenziswano isisiseko senjongo ephambili yenkampani ekuphuhliseni imveliso.'	1.	Intsebenziswano isisakhelo senjongo yenkampani ekukhuliseni imveliso.
2.	'Intsebenziswano kwishishini idala umanyano phakathi kwabasebenzi neenkokeli, oko kuphumelelise ishishini.'	2.	Intsebenziswano yenza ubumbano lwabasebenzi neenkokeli oluphumelelisa ishishini.
3.	'Intsebenziswano ibenza abasebenzi basebenzele ukuba babe yinxalenye yempumelelo yenkampani lonke ixesha.'	3.	Intsebenziswano ibenza abasebenzi bazimisele ukubandakanyeka kwimpumelelo yenkampani maxa onke.
4.	'Intsebenziswano ikhuthaza ukuba abasebenzi bathembakale kwinkampani nakubaxhasi bayo kutsho kuqaqambe ishishini.'	4.	Ikhuthaza intembeko yabasebenzi kwinkampani nakubaxhasi, litsho ligqame ishishini.
5.	'Intsebenziswano yenza ukuba kubekho ubudlelwane obuhle phakathi kweenkokeli nabasebenzi, obugcina igama lenkampani lilihle.'	5.	Idala ubudlelwane obuhle phakathi kwabasebenzi nabaphathi obugcina igama lenkampani lilihle.
6.	'Intsebenziswano ikhulisa umnqweno wokuphucula izakhono kubasebenzi, ze oko kukhulise ngakumbi ishishini.'	6.	Intsebenziswano yenza abasebenzi bafune ukuziphucula kwizakhono litsho likhule ishishini.
7.	'Intsebenziswano idala ukubona ngeliso elinye, kujoliswe kumbono omnye oyimpumelelo yeshishini, ngumntu wonke okulo.'	7.	Intsebenziswano yenza imvisiswano, kugxininiswe kwinjongo enye ekukuphumelela kweshishini.
[75 amagama]		[57 amagama]	

QAPHELA: Izifinyezi okanye ii-akhronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo.

[10]

AMANQAKU ECANDELO B: 10



ICANDELO C: ULWIMI

Ukumakisha iCandelo C

1. Upelo
 - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
 - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwaywa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
 - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.
2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

UMBUZO 3

- 3.1 Zibhekisa kumthengi✓/ kumdlali.✓ (1)
- 3.2 Iluncedo ngokongeza ii-elekhtrolaythi ezimka nokubila komzimba✓/ ngokunika amandla.✓ (1)
- 3.3 'Amandla awongezelelekileyo.'✓ (1)
- 3.4 B✓/B Ophezulu✓/Ophezulu.✓ (1)
- 3.5 Yeyokubonisa ukuba le mveliso ilungele abantu abangabadlali✓✓/ukuba yimveliso enceda abantu abangabadlali✓✓/ yeyokukhuthaza abantu abangabadlali ukuba bayithenge.✓✓ (2)
- 3.6 Yeyokulahlekelwa komzimba zii-elekhtrolaythi✓✓/ yeyokuphela kwee-elekhtrolaythi emzimbeni✓✓/yeyokuphuma kwee-elekhtrolaythi emzimbeni.✓✓ (2)

- 3.7 Singandenza ndithathe isigqibo sokuyithenga, kuba siyazixela izinto endingazizuza xa ndithe ndathenga le mveliso ezifana nee-elekhtrolaythi namandla.✓✓/kuba imifanekiso esetyenzisiweyo isenze saba nomtsalane esi sibhengezo-ntengiso.✓✓

OKANYE

Asinakundenza ndithathe isigqibo sokuyithenga, kuba izinto ezibalulekileyo ezifana nodidi lwabantu abanokuyisebenzisa aluxelwanga✓✓/kuba izinto ezinokuthi zibe yingozi emzimbeni xa uyisebenzisa ixesha elide azixelwanga✓✓/ kuba indawo efumaneka kuyo ayixelwanga✓✓/ kuba ixabiso layo alixelwanga✓✓/ kuba akuxelwanga ukuba ihlala ixesha elingakanani emzimbeni✓✓/ kuba iinkcukacha zokuba yenziwe ngantoni azixelwanga ngoko ke andinakuyithemba.✓✓

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]

(2)
[10]

UMBUZO 4

- 4.1 Sahluke ngokuba kukho umlinganiswa onguSteve yedwa kuso✓/ngokuba kukho umlinganiswa omnye kuso✓/ ngokuba uSteve uvele ngomzimba ongentla kuphela✓/ uSteve akavezwanga ehleli esofeni✓/ udaba lwakhe lobuso lwahlukile kunakwizakhelo soku-1 nesesi-3.✓ (1)
- 4.2 C✓/C asikenzeki✓/asikenzeki.✓ (1)
- 4.3 Kungokuba uzama ukugxininisa oku akuthethayo✓✓/wenza isijekulo esicacisa akuthethayo✓✓/ulandelelanisa izinto athi ziyimisebenzi yendoda✓✓/ ubala izinto athi ziyimisebenzi yendoda.✓✓ (2)
- 4.4 Ingcinga ebethelelekileyo✓ kuba inika uluvo lokuba kukho imisebenzi efanele amadoda kuphela engenakwenziwa ngabantu abangoomama emzini✓/inika uluvo lokuba ngabantu abangamadoda kuphela abongamelayo, abondlayo nabakhuselayo emizini.✓ (2)
- 4.5 Uyacaphuka✓/udikiwe✓/unomsindo✓ kuba uyamphoxa ngokuthi makavale umlomo✓/ kuba igama 'VALA' uyalikhwaza ejonge kuPat.✓ (2)

- 4.6 Aluluncedo kuba uSam usemncinci kwaye kwixesha aza kube enomzi ngalo kuza kube kubetheleleke inkolelo yokuba wonke umntu ufanele ukuba ayenze le misebenzi ayixelelwa nguSteve emzini wakhe nokuba uyindoda okanye ungumntu ongumama✓✓/kuba ukhula ngexesha isini singaqondwa ngendlela asiqonda ngayo uSteve✓✓/kuba uSteve umxelela ulwazi neemfundiso akhule ngazo kwixesha langaphambili, abe yena uSam ekhula kumaxesha apho imisebenzi ingahlulwa ngokwesini.✓✓

OKANYE

Luluncedo kuba lumazisa uxanduva abanalo abantu abadala✓✓/kuba lumkhuthazela ukuba naye xa emdala azi ukuba kufuneka athathe uxanduva ekhayeni✓✓/kuba lumxhobisela ixesha elizayo✓✓/lumkrobisa kuxanduva abanalo abantu abadala✓✓/kuba kufuneka akhule esazi ukuba umntu ngamnye ebomini kulindeleke ukuba angalubaleki uxanduva.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]

(2)
[10]

UMBUZO 5

- | | | | |
|-----|--------|---|-----|
| 5.1 | 5.1.1 | Eli.✓ | (1) |
| | 5.1.2 | Libhekisa kwisibizo, 'Igama'.✓ | (1) |
| | 5.1.3 | Le ntetho isisiseko✓ sokwakhiwa kwamakhaya namanye✓ amaziko okwakha uluntu. | (2) |
| | 5.1.4 | D✓/D iyelene nesaci✓/iyelene nesaci.✓ | (1) |
| | 5.1.5 | umntwana.✓ | (1) |
| | 5.1.6 | Ubuntu buquka inceba, uvelwano nothando.✓ | (1) |
| | 5.1.7 | Sandulela isibizo✓✓/siphambi kwesibizo.✓✓ | (2) |
| | 5.1.8 | (a) Uqeqeshwa.✓ | |
| | | (b) Sisixando sokwenziwa.✓ | (2) |
| | 5.1.9 | Lixesha elidlulileyo.✓ | (1) |
| | 5.1.10 | Mntwana hlonipha abantu!✓✓/ hlonipha abantu mntwana!✓✓ | (2) |

5.2



5.2.1

Masikhathalele izilwanyana ukuze zisikhathalele.√√

(2)

5.2.2

Aba bantu bobabini bayancedisana ukukhathalelainja√√/Bobabini
aba bantu bayancedisana ukukhathalela inja√√/Bayancedisana
aba bantu bobabini ukukhathalela inja√√/Bayancedisana
ukukhathalela inja aba bantu bobabini√√/Bayancedisana
ukukhathalela inja bobabini aba bantu.√√

(2)

5.2.3

Zisikhathalele nazo izilwanyana?√√/Zisikhathalele izilwanyana
nazo?√√

(2)

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40

AMANQAKU EWONKE: 80

